# University of Fort Hare
*Together in Excellence*

MIX412

**IMVIWO ZIKAJUNE/JULY 2023**

.....................................................................................................................................................

Ixesha: **Iiyure ezi3**

Imodyuli: IsiXhosa Language, Literacy and Communication Methodology

**Amanqaku: [100]**

Eli phepha lingamaphepha amathathu lidibene nephepha langaphandle

**Umvavanyi wangaphakathi:**
**Dr S Matshikiza**

**Umvavanyi wangaphandle: Dr Y Madolo**

**Imiyalelo**

i. Phendula **yonke** imibuzo
ii. Iimpendulo zinike iinombolo zemibuzo njengoko zibhaliwe ephepheni lemibuzo
iii. Bhala ngokucocekileyo
iv. Cwangcisa umsebenzi neempendulo zakho kakuhle
v. Bhala ulwimi oluchanekileyo
vi. Qwalasela ixesha olinikiweyo

## Isishwankathelo

Funda ngocoselelo esi sicatshulwa singezantsi, wandule uphendule imibuzo ebuziweyo:

Abazali baxakene nenzala yabo ngenxa yokungavisisani ngezimvo malunga nezinto ngezinto zobomi

Namhlanje umzi ontsundu umi nematha. Uya kuba ngangena kulo mzi ufike abazali banezingqala. Isikhalo sinye sesokuba abantwana beli xesha abeva, banenkani benza unothanda abantwana bayazihleka iingcebiso eziphuma ebazalini. Kanti nabazali kwelabo icala bazithatha njengobuvuvu izizathu ezibekwa ngabantwana. Abantwana bangoku aboyiki ngokoyikiswa ngamadela-kufa angamatsha-ntliziyo.

Kumaxesha angaphambili kwaXhosa kusalawula isiko nesithethe intetho kubayomzali ibingaphikiswa ngumntwana. Nantoni na engatshongo khona ibilindeleke enkwenkweni. Imicimbi edla umzi ibixoxelwa komkhulu ngamadoda ngomhla wembizo. Abafazi nabantwana bengangeni ndawo. Umntwana ebeyazi kakuhle indawo yakhe kungenakubakho mpazamo.

Siphulukana namasiko nezithethe zethu sijongile egameni lenkqubela-phambili. Abantwana bangoku imicimbi edla umzi bayithabathela kubo kuba besithi abazali basenengqondo yobukhoboka. Abazali bayakhala bathi kwakungenje ngelabo ixesha.

Abazali mababavumele abantwana baphalaze izimvo zabo malunga nezinto-yinto zobomi. Akuba egqibile umntwana ukulubeka uluvo lwakhe makathathe apho umzali ambonise ngobuchule eyona ndlela acinga ukuba yiyo, ngokwamava akhe. Ingathi bubulumko ukuba abazali bangabangxameli abantwana bangabagrogrisi, bazeke kade umsindo. Yinyani engenakuphikiswa into yokuba ngumsebenzi womzali ngamnye ukukhulisa umntwana wakhe ngendlela efanelekileyo neyamkelekileyo. Leyo indawo ingqinwa lihlabathi liphela. Yiyo le nto wofika umzali exelela umntwana le nale malunga nendlela yokuziphatha.

Abazali mayibacacele into yokuba abantwana bangoku banazo iingxaki ezithile ezizezabo ekungafunekanga zithatyathwe njengemfitshimfitshi. Kudala ingxaki yomntwana ibiyinto esiwa phantsi kwempumlo kuphela. Kukho abazali abasenezo

ngqondo nangoku, abangafuniyo ukuyamkela imeko yangoku. Zininzi izinto eziphazamisa iingqondo zabantwana bangoku ezazingekho ngaphambili ezibangela ukuba imisebenzi yabo yasemakhaya nasesikolweni bangayenzi ngocoselelo.

Abantwana mabayiqonde into yokokuba impucuko ayithethi ukuba makuyekelelwe kunganqandwa nto.

Inkululeko kufuneka ibe nemida hleze ilahlekwe yintsingiselo yayo igqibele seyibubundlavini. Izinto ezinjengembeko, Ubuntu, ukunyaniseka, inkuthalo, uxolo, uthando azinakutshintsha koko ziya kuhlala zimi kude kube sekupheleni kobomi.

Sicatshulwe kwincwadi ethi, **"AMAXESHA EMPUCUKO SISINGISE PHI NA"**

**Umbuzo wokuqala**

i) Shwankathela esi sicatshulwa singentla ngomhlathi kuphela ngawakho amazwi, ungacaphuli njengoko kubhaliwe kwitekisi.

Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama70. Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.

**Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba. (15)**

ii). Dandalazisa ezakho iingcamango uxhase okanye uchase umbhali **(10)**

iii). Malunga noluvo lombhali tolika esi sicatshulwa ngawakho amazwi **(6)**

iv). Khankanya ukubaluleka noncedo oluncomekayo malunga nokufundiswa kolwimi ngetekisi ngenjongo yokukhulisa unxibelelwano **(15)**

**Umbuzo wesibini**

Xhobisa oogxa bakho malunga nokufundisa abafundi bebanga leshumi elinanye isakhono sokuthetha ngokunyathela kweli bakala lilandelayo:

- **Inkqubo yokuthetha (16)**

**Umbuzo wesithathu**

Njengomakhwekhwetha wetitshala, bonakalisa ubuchule bakho bokuceba isifundo sebanga leshumi, wesifundo osicebayo. Impendulo yakho yicwangcise ngolu hlobo:

i. Isihloko sesifundo
ii. Ibanga
iii. Injongo yesifundo
iv. Isiphumo sesifundo
v. Umxholo wesifundo **(20)**

**Umbuzo wesine**

Tyatyadula utsho kuvokotheke ngesakhono **sokubhala nokunikezela** ngokuthi uphendule le mibuzo ilandelayo:

a) Cacisa **inkqubo ekufuneka ilandelwe** xa kufundiswa ezi zakhono zibini.

b).**Chaza iinjongo zokufundisa** ezi zakhono zingentla.

**(18)**